



ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni licela uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe amagamaabantu okanye amaqela ahlala eNtshona Koloni athi abalasela ekwenzeni umahluko kwenye okanye kula macandelo angezantsi naye athi ekuhambeni kwethuba anegalelo ngokubalaseleyo ekuphumezeni iinjongo zobuchule zikaRhulumente weNtshona Koloni.

IINDIDI ZOTYUMBO

INkqubo yaseMva kweSikolo

- INkqubo yaseMva kweSikolo yokuGqwesa kuQeqesho loBugcisa neNkcubeko

li-Akhayivu/ Oovimba

- INkokheli esaKhulayo kuLawulo Iwee-Akhayivu neeRekhodi
- UMphandi oBalaseleyo ngeGalelo kwiMveli eliLifa yee-Akhayivu

EzoBugcisa, iNkcubeko noNcwadi

- Igalelo elibalaseleyo loMdlali kwimisebenzi yoNcwadi enje ngeMibongo, iProse kunye nokubhala imidlalo
- Owona mboniso ubonakalayo, neProjekthi yemiDlalo kunye nokuBhala kuLwazi oluneGalelo kwiNkxaso yaBantu abaKhubazekileyo
- Eyona Projekthi eNtsha yoBugcisa neNkcubeko yoLuntu
- Imbaso Yonyaka yoMdlali olulutsha
- Umnyhadala woBugcisa woLuntu woNyaka
- IGalelo kubugcisa obuBonakalayo
- Igalelo kukhuthazo kunye nokugcinwa kwemicimbi yenkcubeko kunye neendlela zobugcisa zemveli.

ULwimi

- IBhaso lokuWonga likaNeville Alexander ngeGalelo eliBalaseleyo ekuKhuthazeni ukuSetyenziswa kweeLwimi eziNinzi
- IProjekthi eBalaseleyo eyaKhuthaza ukuSetyenziswa koLwimi IweZandla IwaseMzantsi Afrika neeLwimi zeMveli ezaziBekelwe Bucala zaseNtshona Koloni
- IGalelo eliBalaseleyo kuPhuhliso IweeLwimi.

Amathala eenkwadi

- IVolontiya eliBalaseleyo kumaThala eeNcwadi loNyaka
- IQela laBahlobo eliBalaseleyo lamaThala eeNcwadi oLuntu
- Igalelo elibalulekileyo kuPhuculo, kuPhuhliso lokuFunda kunye noLwazi lokuFunda nokuBhala (kubandakanya uLwazi lokuFunda nokuBhala)
- Umsebenzisi obambekayo wezinto zeThala leeNcwadi
- Umbhali oMncinci woNyaka.

Amaziko olondolozo embali, Amafa emveli namaGama eendawo

- Igalelo kuPhando, uKwazisa nokuKhuthaza uLuntu malunga nokubekwa emgangathweni kanye nokutshintshwa kwamagama eeNgingqi zeNdawo
- Igalelo kwiZiko lolondolozo lembali lokuKhuthaza ukuBandakanywa koLuntu
- Elona Phulo loYilo liBalaseleyo kwiCandelo lamaZiko olondolozo embali, iLifa leMveli namaGama eeNdawo
- Ivolontiya loNyaka eliSebenzayo kwiZiko loLondolozo IweMbal, amafa kanye namaGama eeNdawo
- Igalelo leZiko loLondolozo, uMbutho weLifa leMveli okanye iZiko lolondolozo lembali ekunyuseni iMbal yaseKhaya, iLifa leMveli kanye nokubekwa emgangathweni / ukuBiswa kwakhona kwaMagama eeNdawo.
- Elona galelo liililo ekukhuseleni nokulondoloza iNdawo yeSizwe, yePhondo okanye yoLuntu yamafa ekhuselekileyo.

INDLELA YOKUTYUMBA AMAGAMA

Ingcaciso enika imvelaphi

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lifuna ukuqaphela impumelelo negalelo eligqwasileyo kumacandelo asemva kwesikolo obugcisa, inkcubeko noqequesho lwezemidlalo; ii-akhayivu; ubugcisa, inkcubeko noncwadi; amagama anxulumene nendalo; imveli elilifa; iilwimi; amathala eencwadi namaziko olondolozo embali eNtshona Koloni phakathi komhla **woku-1 kuTshazimpunzi kunyaka ka-2018 nomhla wama-31 kweyoMnga kunyaka ka-2019.**

La mabhaso okuwonga avuleleke kubantu, kumaqumrhu nakumaqela abaye bathi ngeenzame zabo benza umahluko kuluntu lweli phondo. Isebe lifuna ukuhlonipha abo uye wathi umsebenzi wabo wafaka igalelo ekomelezeni iqonga apho iNtshona Koloni inokuzimisa yona ubuqu njengeziko elinobuchule nelenza izinto ngendlela entsha yokugqwsa.

Ikhrayitheriya yokuGweba eBanzi

Imigomo yokugweba elapha ngezantsi iya kusetyenziswa ngokubanzi ukuhlola onke amagama atyunjiweyo, kuze emva koko kulandelwe imigomo esekeleze kwicandelo elithile:

- **Impembelelo nophuhliso loluntu** – indlela umntu lowo utyunjwayo aye wazingqina ngayo kwaye wanezipumo ezinempelelo ebonakalisa ukubandakanyeka kwezentlalo nokukhula kolwazi.
- **Isakhono sokwenza imisebenzi ngendlela entsha** – indlela umntu lowo utyunjwayo aye wabonisa khona indlela entsha nenobugcisa ekwenzeni kwakhe imisebenzi kwinkalo akuyo.
- **Ukuqatshelwa kwetalente** – indlela umntu lowo utyunjwayo ayiqaphela yaye ayipuhlise ngayo italente.
- **Ukujolisa kwiinkalo ezipambili kakhulu ngokubaluleka** – indlela umntu lowo lityunjwayo igama lakhe ayisingatha ngayo imiba enjengale:
 - ukudalwa kwemisebenzi
 - ulutsha olusemngciphekweni
 - ukugqithisela kwezakhono
 - uqequesho

- ukwanda kokusetyenziswa kweenkonzo zecandelo okanye
- ukupuhhliswa kwabaphulaphuli kuhlobo oluthile lokufundwayo.
- **Uphuhliso lolutsha, ukwakhiwa kwesizwe nokuxhotyiswa kwababhinqileyo** – indlela umntu lowo lityunjwayo igama lakhe azidibanisa ngayo ezi nkalo ziphambili kakhulu ngokubaluleka kwiinkalo zobuchule zabo.
- **Imiba yobugcisa nobuchule** – indlela umntu lowo lityunjiweyo igama lakhe abonakalisa ngayo ubuchwepheshe bobugcisa kwinkalo yakhe yobugcisa.

Imimiselo eyimfuneko yamagama abatyunjiweyo

- Amagama abantu abatyunjiweyo okanye iiprojekthi zabo mazifumaneneke okanye zisekelwe eNtshona Koloni.
- Amagama abantu abatyunjiweyo mawangeniswe kule fomu iqhotyoshelwego.

Ifomu yomntu otyunjelwa ibhaso mayingeniswe kwifomu ezimeleyo.

- Abatyunjwa beeprojekthi kufuneka babengabahlali baseNtshona Koloni.
- Amagama abantu abatyunjiweyo mawahambe nephepha elinye ekubhalwe kulo izizathu ezithethelelayo kwakunye nobungqina obubhaliweyo ngale projekthi.
- Utyumbo Iwebhaso ngalinye kufuneka lungeniswe kwifomu ehamba yodwa.
- Utyumbo ngalunye kufuneka lukhatshwe yincwadi yokhuthazo ephepha-linye kune neempheha zobungqina beprojekthi.
- Amabhaso akhutshwa kuphela ngokubhekisele kwiiprojekthi eziphunyezwe phakathi komhla woku-**1 kuTshazimpunzi kunyaka ka-2018 nomhlala wama-31 kweyoMnga kunyaka ka-2019**. Amagama abantu abatyunjiweyo bamabhaso mawafunyanwe liSebe ngomhla **we-14 kweyoMdumba ku-2020**.
-

Indlela yokugweba amabhaso okuwonga

- Iphaneli yeengcali iya kuhlola umtyunjwa ngamnye yaye yenze iingcebiso ngokufanelekileyo.
- ISebe liya kwazisa abaphumeleleyo kumabhaso kwangaphambili ngokufanelekileyo malunga nomsitho wamabhaso okuwonga osesikweni.
- Abaphumeleleyo baya kwaziswa eluntwini bahlonitshwe kumsitho wamabhaso okuwonga.
- Akusayi kubakho maxwebhu abuyiselwayo.
- Isigqibso sephaneli yokukhetha sesokugqibela, akukho ngxoxo kuya kungenwa kuyo okanye mbalelwano iya kwenziwa.

Amagama abatyunjwa anokungeniswa

NGEPOSI:

Nuraan Vallie
 Department of Cultural Affairs and Sport
 Private Bag X9067
 Cape Town
 8000

EZISWE NGESANDLA:

Nuraan Vallie
 Department of Cultural Affairs and Sport

Protea Assurance Building
Greenmarket Square
Cape Town
8000

ONLINE: <https://forms.gle/koFTdej6GXap35zG8>